

# ISIKHOKELO SAKHO SOKOYISA INGXINANO YEZITHUTHI KUNYE



CITY OF CAPE TOWN  
ISIXEKO SASEKAPA  
STAD KAAPSTAD

# YIXELE, SIYAYILUNGISA!

- Imingxuna endleleni (ipothowuli)
- Imibhobho yamanzi evalekileyo
- Izikhukula
- Ukutyibilika kodaka okanye amatye endleleni
- Ingca kunye nokhula ezindleleni zeenyawo nakwiziqithi zezithuthi
- Iimpawu zendlela ezingalunganga
- Ukungabikho kweziciko zemingxuma
- Imiqobo yendlela eyonakeleyo



# INGXINANO EKAPA


## - KUTHENI IYA ISIBA MBI?

**Iindlela zethu ziya zixinana ngakumbi njengoko uqoqosho lwesixeko lukhula, kwaye sitsala abahlali kunye nabatyeleli abaninzi ngako konke okukhoyo kwiKapa.**


Njengoko inani labantu abafuna ukuhamba ngemoto ngamaxesha axakeke kakhulu linyuka, izithuthi ziyacotha, nto leyo eyenza ukuba uhambo lweveki lube luxinzelelo kwaye ludle ixesha losuku.

Kuye kwakho ukuphuculwa kweenkonzo zikaloliwe zaseKapa. Oku yindlela enempumelelo kubakhweli yokuhamba yonke imihla kuba kukho oololiwe abaninzi ngexesha likaxakeka. Ukubuyiselwa kwenkonzo kaloliwe kufuneka kuphucule ukuxinana, ngakumbi ukuba kusetyenziswa ngabasebenzisi beemoto abakhoyo.

Isixeko saseKapa siphuhlise iindlela ezininzi zokusabela kule mingeni kwaye limema abahlali kunye nabemi ukuba babe yinxalenye yesi sisombululo.



**60 IIMOTO  
OKANYE  
1 IBHASI**



Wonke umntu ohamba ngeemoto  
unokungena kwibhasi enye.

# IINDLEKO ZOKUXINANA



Ixesha elide  
lokuhamba  
lithetha iindleko  
zothutho  
eziphezulu



Ixesha  
lomsebenzi  
nelokuzon-  
wabisa lichithwa  
endlelenine-  
lokuzonwabisa  
lichithwa  
endleleni



Umsi ophuma  
kwizithuthi  
ubangela  
ungcoliseko  
kanye  
nokufudumal



Ixesha  
lokufundisa  
nokufunda  
lilahlekile



Ukugcwala  
kwezithuthi




Ukuphefumla  
kanye nesifo  
sentliziyo  
ziyenyuca

# MASITSHINTSHE INDLELA ESIHAMBA NGAYO

Ukoyisa ingxinano yezithuthi kubandakanya wonke umntu. Unokunceda ngokwenza utshintsho olumbalwa kukhetho lwakho lokuhamba. Qala ngokwenza utshintsho olunye oluncinci ngexesha kwezi ngeciso zingezantsi:

## SEBENZA NGOKUGUQUGUQUKAYO UKUPHEPHA INCOPHO

Yiya emsebenzini kwangethuba okanye ubuyele ekhaya emva kwexesha kanye ngeveki ukunqanda incopho. Thetha nomqeshi wakho malunga neeyure zokusebenza eziguquguqukayo okanye ukusebenza kude nomsebenzi, okanye ubuncinane kufutshane nekhaya, amaxesha ngamaxesha.



Tipiese spitstye van verkeersdruk in Kaapstad

## YIBA NGUMQHUBI OKRELEKRELE

Yiba ngumqhubi onoxanduva kuthungelwano lwendlela yethu. Yiba novelo kubahambi ngeenyawo nabaqhubi beebhayisikile, abasesichengeni ngakumbi kunawe. Vumela iibhasi kunye neeteksi ezindleleni ezigcweleyo ukuba zidlule: zithutha abantu abaninzi kunawe!

## YABELANA NGELIFTI

Ama 80% eemoto ezihamba ngexesha lencopho zinomntu omnye kuphela. Ukukhwelisana ezimotweni kunye neeklabhu zelifiti kukhupha iimoto ezindleleni kwaye kubonelela ngeenzuzo ezifana nexesha elincitshisiweyo lokuqhuba kunye neendleko zamafutha.

Ukukhwelisana ezimotweni kunye neeklabhu zelifiti yeyona ndlela ingcono yokunciphisa ubuninzi beemoto ezindleleni zethu.

Ukuba uzimisele ukuthutha abafundi besikolo / abafundi baseyunivesithi ukuze ufumane umvuzo kufuneka ufake isicelo selayisensi yokusebenza kwaye umqhubi wakho kufuneka abe nelayisensi yokuqhuba esemthethweni kunye nephephamvume lokuqhuba lobungcali (iPDP).

Ukufaka isicelo kufuneka uqhagamshelane neZiko loLawulo lwePhondo (PRE), njengoko zonke izicelo zelayisensi zokusebenza zingeniswa, ziqwalaselwe kwaye kunikwe isigqibo kwiPRE. Ngolwazi ngokubanzi nceda ujonge iwebhusayithi yabo:

**<https://www.westerncape.gov.za/tpw/applying-public-operating-licence>**

IPDP ingafakelwa isicelo kwiziko lovavanyo lwelayisensi yokuqhuba. Ndwendwela nje [www.capetown.gov.za](http://www.capetown.gov.za) ukukhuphela ifomu yesicelo sePDP.

## XUBA IINDLELA ZAKHO

Nangona kungasoloko kulunceda okanye kukhuselekile ukuhamba okanye ukukhwela ibhayisikile ukuya emsebenzini, cinga ngendlela onokuzisebenzisa ngayo ezi ndlela zisebennzayo njengenxalenye yohambo lwakho ngezinye iintsuku. Paka kwaye uhambe ngeenyawo endaweni yokuya kwindawo engcono yokupaka, hamba ngeenyawo endaweni yokuqhuba uye kwiindawo ezikufutshane kwaye ufumane umhlobo ohambe naye okanye ukhwele ibhayisikile ukunyusa ukuzithemba kwakho.


# SEBENZISA IZITHUTHI ZIKAWONKE- WONKE

Umthetho wesizwe - uMthetho wezo  
Thutho lweNdlela weSizwe - uthi urhulumente  
kamasipala kufuneka alawule kwaye ongamele  
izithuthi zikawonkewonke. ISixeko saseKapa  
sikubona oku njengenxalenye ebululekileyo  
yokwenza iKapa libe sisixeko esikhulu sokuhlala,  
ukusebenza kunye nokwenza ushishino kuso.

## MYCITI

ISixeko saseKapa sasungula inkqubo  
yaso esemgangathweni yeebhasi  
ezihamba ngokukhawuleza  
zeMyCiTi ngo2010. IMyCiTi imisele  
umgangatho omtsha wezithuthi  
zikawonkewonke ezineenkono  
ezikhuselekileyo, ezithembekileyo,  
nezifikelelekayo, kwaye ifikeleleka  
kumntu wonke, ixhaswa yezothutho  
yabo bakhaubazekileyo iDial-a-Ride.


Ndwendwela u [www.myciti.org.za](http://www.myciti.org.za)  
ngolwazi oluthe vetshe.



# IINKONZO ZEEBHASI ZAKWAGOLDEN ARROW

Inkonzo yebhasi yakwaGolden Arrow (iGABS) yeyona nkonzo indala yebhasi yaseKapa. Inika amawakawaka abakhweli kwindawo yonke yaseKapa indlela ekhuselekileyo kunye neendlela zothutho ezithembekileyo.

Ndwendwela [www.gabs.co.za](http://www.gabs.co.za)  
ngolwazi oluthe vetshe



# ULOLIWE

Uloliwe ngumqolo weenkqubo zothutho lukawonkewonke kwaye ungundoqo ekunciphiseni izithuthi ezindleleni zethu. Nangona iinkonzo zikaloliwe ziye zancipha kule minyaka imbalwa idlulileyo, ezinye iipaseji zikaloliwe zibuyiselwe kwaye inkqubela enkulu yenziwe ukubuyisela lonke uthungelwano.

Ndwendwela **[www.prasa.com](http://www.prasa.com)** ngolwazi oluthe vetshe.



# KUPHUCULWA KWEZIBONELELO ZEZOTHUTHO LUKAWONKE- WONKE

Ukuphucula utshintshiselwano lwezothutho lwabakhweli beebhasi kunye neeteksi kuyaqhubeka kwiindawo ezininzi. ISixeko sisebenza ngokusondeleyo noshishino lweeteksi siyaqonda ukuba olu shishino lolona lingumboneleli omkhulu weenkonzo zothutho lwabantu kwidolophu iphela. ISixeko siphanda iindlela zokubeka phambili ukuhamba kwezithuthi zikawonkewonke.



# KUTYALA IMALI KUTHUNGEL- WANO LWENDLELA

**ISixeko saseKapa sityala imali ezindleleni nasezitalatweni sazo ngalo lonke ixesha.**

## **IIPROJEKTHI ZOLAWULO LWENGXINANO**

Iipprojekthi zolawulo lwengxinano zibonelela ngesiqabu kwingxinano eyenzeka ezindleleni zethu apho kukho ukulibaziseka okukhulu, ngakumbi apho izithuthi zikawonkewonke zilibazisekile.

## **IIPROJEKTHI ZOTHUTHO EZIHLANGANISIWEYO**

Iipprojekthi zothutho ezihlanganisiweyo ziqinisekisa ukuba zonke iindlela zilungiselelwe kuyilo lwendlela, ingakumbi abasebenzisi abasesichengeni njengabahambi ngeenyawo nabaqhubi beebhayisikile.

## **IIPROJEKTHI ZOTHUTHO EZINGEZIZO IIMOTO**

Uthutho olungezizo iimoto luyiyo nayiphi na indlela yothutho engaxhaswanga yimoto, nto leyo esisiseko sokunciphisa umsi wezithuthi kwicandelo lezothutho. Oku kuquka ukuqhuba ibhayisikile, ibhodi yokutyibiliza, izitulo ezinamavili kunye nokusetyenziswa kweetroli ezitsalwa zizilwanyana okanye iitroli ezityhalwa ngesandla.

## IIPROJEKTHI ZOKUPHUCULA IINDLELA

Iiprojekthi zophuculo lwendlela zivumela iSixeko ukuba siphucule umgangatho kunye nokhuseleko lomphezulu wendlela ngokwenza imisebenzi yolungiso olukhawulezileyo efana nokuvalwa ngokutsha, ukufakwa komphezulu ngokutsha kunye nokuvuselelwa kwendlela. Ukuphunyezwa kokuthomalaliswa kwezithuthi kunye nokufikeleleka jikelele kwezothutho olungezizo iimoto (NMT), o.k.t. iindledlana, ukuphucula ukhuseleko lwabahambi ngeenyawo. Iinjongo zezi nkqubo kukuqinisekisa uthungelwano lweendlela ezilawulwa ngokufanelekileyo nezikwimeko entle.

## IIPROJEKTHI ZOLAWULO LWEENDLELA

Inkqubo yolawulo lwezothutho yeSixeko igxile kukhuseleko lwezithuthi ekuhlaleni kunye nokuphuculwa kwezakhona. Imizekelo yoku inokuba kukubonelelwa kwemiqondiso emitsha, ulwakhiwo olujikelezayo (njengendlela yokulawula izithuthi, hayi ukuthomalalisa izithuthi) kunye nokongezwa kweendlela ezijikayo.



# INDLELA YOKUXELA

Xela naziphi na iingxaki kuthungelwano lwendlela oku kuquka iipothowuli , imiqondiso yendlela, ukudilika kodaka kunye nokuwa kwamatye, ukulahlwa kwenkunkuma okungekho mthethweni kunye needreyini zamanzi esiphango ezivalekileyo.

**UKHETHO 1:** Khuphela inkonzo yeSixeko enxulumene neapp kamasipala efumaneka kwiApple App Store nakuGoogle Play Store.

Khuphela iapp ngoku ngokusebenzisa:



<https://apple.co/3pZAkth>



<https://bit.ly/3pMGltv>

**UKHETHO 2:** Qhagamshelana neZiko lokufownela labaSebenzisi nkonzo leSixeko ku **0860 103 089** okanye i-imeyile **contact.us@capetown.gov.za**. Le nkonzo ifumaneka 24/7 ngoncedo lwesiAfrikansi, isiNgesi nesiXhosa.

**UKHETHO 3:** Faka isicelo senkonzo kwiwebhusayithi ejongene neenkonzo zokuzinceda ku **www.capetown.gov.za/servicerequests**. Khetha "Transport, Traffic and Roads".



**UKHETHO 4:** Skena ikhowudi yeQR eya kudityaniswa nenkonzo yokuzinceda.

Nika iinkcukacha zakho zqhagamshelwano, idilesi yesitalato kunye nommandla apho ubone khona ipothowuli, imiqondiso yendlela engalunganga, imiqobo eyonakeleyo, ukudilika kodaka kunye nokuwa kwamatye, ukulahlwa kwamatye ngokungekho mthethweni, okanye iidreyini zamanzi esiphango ezivalekileyo kwakunye nekona yesitalato esikufutshane ukuze lo mba ube nokuhoywa,

Qinisekisa ukuba uyayigcina inombolo yakho yesalathisi.

## NGOLWAZI OLUTHE VETSHE

Ndwendwela **www.capetown.gov.za/urbanmobility** ukufikelela kwaye ukhuphele eli phetshana kunye nezinye izikhokelo eziluncedo.





CITY OF CAPE TOWN  
ISIXEKO SASEKAPA  
STAD KAAPSTAD

Eli phetshana nezinye izikhokelo eziluncedo  
zikhona nge-elektroniki. Ndwendwela  
[www.capetown.gov.za/urbanmobility](http://www.capetown.gov.za/urbanmobility)

**AMAKHASI ONXIBELELWANO**

Silandele ku:

 City of Cape Town

 @cityofct

 @UrbanMobility